BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 africa@bu.edu
www.bu.edu/Africa/alp 617.353.3673

# *Imisebenzi*

**Umsebenz1 1**

(a) Kutheni uMxesibe ebetha uHlumelo?

(b) UHlumelo uyifake phi le nto ayiphetheyo?

(c) Xoxani eklasini ngobungozi bale nto iphethwe nguHlumelo nandule ukubhala izimvo zenu.

(d) Igcinwe phi intsangu kuloHlumelo?

(e) Ithini impendulo kaMxesibe xa unkosikazi wakhe emxelela ngeepilisi nentsangu? Udanile?

**Umsebenzi 2**

(a) Chaza zonke izinto azenzileyo uMxesibe emzini wakhe ngenxa yemali yentsangu. Zonke ezo zinto uzixelela inkosikazi yakhe.

(b) Uziva njani uMamNtshilibe xa umyeni wakhe emxelela izinto azenzileyo ngemali yentsangu? Caphula amazwi awasebenzisileyo.

(c) Sebenzani ngababini, omnye abe nguMxesibe. UMaNtshilibe makangxolise umyeni wakhe ngentsangu neepilisi azibhaqe esefini. UMxesibe makaphendule ngqwabalala (harshly) ebonisa ukungakhathali.

(d) Masithi unguMamNtshilibe. Wena ubuza kuthini kwimeko enje yokuba umyeni wakho angabonakalisi kukhathala kodwa kwenzeke isehlo esinje? Bhala phantsi amazwi obuza kuwathetha, ze uwafunde eklasini.

**Umsebenzi 3**

(a) Kumaqela enu hlolani eli qhalo ‘igqabi aliwi kude nomthi walo,’ nijonge intsingiselo yalo ukuba ayifani kusini na namaqhalo esekhe nabukela ividiyo yawo.

(b) Bhalani ezincwadini zenu zonke izinto afana ngazo la maqhalo ,nibonise ukuba afana njani na.

**Umsebenzi 4**

Nibukele la maqhalo, ingakumbi eli qhalo lithi, 'igqabi aliwi kude nomthi,' xoxani ngezi zinto zilandelayo:

(a) Indlela aphathwa ngayo amakhosikazi ngamadoda, kwanendlela abathetha ngayo nabo. Thelekisa namanye amaqhalo osekhe wabukela iividiyo zawo.

**Umsebenzi 5**

Bhala igama elikwizibiyeli ngokufanelekileyo wandule ukutolikela esiXhoseni:

(a) Kutheni umama kaHlumelo (akaqondi)?

(b) UMxesibe kutheni (akundixeleli) ngentsangu?

(c) Kutheni uHlumelo (ufihla) intsangu?

(d) Kutheni uMxesibe (uthenga) ifenitshala ngemali yentsangu?

**Umsebenzi 6**

Tshintsha ezi zivakalisi zilandelayo uzibhale ngokutsha ujonge kulo mzekelo ungezantsi: Xa ugqibile, chaza ukuba zithetha ntoni na izivakalisi ezo uzibhale ngokutsha.

Umzekelo: Umama kaHlumelo uyahamba: Umama kaHlumelo angahamba.

(a) Unyana kaMxesibe uyahamba.

(b) UMxesibe uthenga izinto ngemali yentsangu.

(c) Inkosikazi kaMxesibeiyacaphuka (she is angry)

(d) UMxesibe uya ecaweni.

**Umsebenzi 7**

Bukelani ividiyo kumaqela enu, nandule ukuchaza inkangeleko yabalinganiswa abathathu enibathandayo, nichaze kwanendlela abathetha ngayo.

**Umsebenzi 8**

Tshintsha ezi zivakalisi zilandelayo ujonge kumzekelo ongezantsi:

Umz: Nika umntwana iBhayibhile: Mnike iBhayibhile.

( a) Mxesibe, xelela umfazi wakho ngentsangu.

(b) Mxesibe, bonisa umfazi wakho imali.

(c) Myeni wam, betha umntwana xa esebenzisa intsangu.

(d) Myeni wam, qeqesha uHlumelo.

**Umbuzo 9**

(a) Zahluleni nibe ngamaqela ngamaqela ukuze iqela ngalinye likhethe inkokheli yalo. Kwiqela ngalinye makuxoxwe ngemiba yenkcubeko enithe nayiqaphela apha kwividiyo.

(b) Caphulani kwiindlela zokuthetha zabalinganiswa xa zithetha nabanye, kwanendlela abaphendula ngayo abalinganiswa ekuthethwa nabo.

(c) Zibhaleni phantsi zonke ezi zinto, nandule ukuzithelekisa neyenu inkcubeko.

**Umbuzo 10**

I. Kwezi zivakalisi zilandelayo, bhala igama elifanelekileyo ngokuthi ulungise igama elikwizibiyeli:

(a) UMxesibe unxiba ibhatyi xa (uya) ecaweni.

(b) UHlumelo nomama wakhe bathanda ukuncokola xa (uvela) ecaweni.

(c) UMxesibe ungxolisa umfazi wakhe xa (uvula) isefu yakhe.

(d) UMxesibe uthi umfazi wakhe makacele imvume kuye xa (ufuna) imali.

II. Kumaqela enu, xoxani ngendlela eniziva ngayo emva kokubukela ividiyo yeqhalo, 'Igqabi aliwi kude nomthi.'

(a). Chazani izinto ezothusayo, ezingaqhelekanga ngokuphathelele kwezi ngongoma:

(i) intsangu

(ii) indlela athetha ngayo uMxesibe nonkosikazi wakhe akubhaqa intsangu neepilisi.

(iii) zizathu zini ezibangela ukuba uMxesibe angazithobi, asuke ahlekise ngenkosikazi yakhe?

III. UMxesibe uhlekisa njani ngenkosikazi yakhe? Chaphazela ezi ngongoma:

(a) Ifenitshala

(b) Ikhitshi

